Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 12

# SEPTEMBA 2022

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – IPHEPHA 3

**AMANQAKU:** **100**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Izincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathi emide | (30) |
| ICANDELO C: | Imihlathi emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ngamandla ukuba usebenzise malunga nama:
   - 80 emizuzu kwiCANDELO A
   - 40 emizuzu kwiCANDELO B
   - 30 emizuzu kwiCANDELO C

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10 Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

11. UBUDE BEEMPENDULO:

ICANDELO A: Izincoko- Bhala isincoko esili-190-240 amagama.
ICANDELO B: Imihlathi emide- Bhala ama-80-100 amagama. [umxholo kuphela]
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane- Bhala ama-60-80 amagama. [umxholo kuphela]

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190-240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

1.1 Usuku endinga ndingalubuyisa **[50]**

1.2 Ukubaluleka kwemithi **[50]**

1.3 Lwaphela lusemnandi olo hambo **[50]**

1.4 Abantu abayeke phakathi esikolweni bayaphumelela **[50]**

1.5 I-intanethi iluncedo kodwa ... **[50]**

1.6 Ingaba ngenene ndim lo, andikholelwa **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthatyathwe ku: wikipedia.org] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kwiyunivesithi onqwenela ukufunda kuyo ucele indawo yokufunda. **[30]**

2.2 **IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yomhleli wephephandaba lengingqi yakho. **[30]**

2.3 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwano-ndlebe oluphakathi komsasazi kanomathotholo nemvumi yamapiyano ephumeleleyo. **[30]**

2.4 **IAJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhala iajenda nemizuzu yentlanganiso yombutho wokufundisa abantwana abancinci ukusebenzisa ithala leencwadi. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C

## UMHLATHI OMFUTSHANE

## UMBUZO 3

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

3.1 **IPOWUSTA**

Bhala ipowusta ulumkise abantu ngolondolozo lwamanzi. **[20]**

3.2 **UMYALEZO OMFUTSHANE**

Bhala umyalezo oza kuwuthumela kutitshala wakho umqinisekise ngendlela oza kuliphumelela ngayo ibanga le-12. **[20]**

3.3 **UMYALELO**

Bhala umyalelo wokubhala ileta yobuhlobo oza kuwunika umhlobo wakho ofuna ukwazi indlela yokubhala ileta yobuhlobo. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufota eli phepha